



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2014

AMANQAKU: 100

IXESHA: $2\frac{1}{2}$ iiyure

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linama CANDELO AMATHATHU:

| | | |
|-------------|---------------------|------|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Umhlathi omde | (30) |
| ICANDELO C: | Umhlathi omfutshane | (20) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza UYILO (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagram/ iflowu tshathi/amagama angundoqo, njalo njalo), hlela uze ulungise iimpazamo kumsebenzi wakho. Uyilo maluvele phambi kokubhalwa kwetekisi nganye.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawuphawulwe njengoyilo ulungenise nomsebenzi wakho. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlezileyo kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ngqongqo ukuba usebenzise malunga nama:
- 80 emizuzu kwiCANDELO A
 - 40 emizuzu kwiCANDELO B
 - 30 emizuzu kwiCANDELO C
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kweli phepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiwego.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo, uze ubhale isincoko esinamagama ali-190 ukuya kuma-240.

- | | | |
|-----|---|------|
| 1.1 | Imidlalo. | [50] |
| 1.2 | Ndithi ndakuyicinga loo mini zisuke zihle iinyembezi. | [50] |
| 1.3 | Okunokwensiwa lulutsha ukuhlangabezana nemiceli mngeni ebomini. | [50] |
| 1.4 | Ukunqongophala kwezakhono kunegalelo ekunqabeni kwemisebenzi. | [50] |
| 1.5 | Ukuthathela umthetho ezandleni zakho. | [50] |
| 1.6 | Salinda, salinda kanti sizilibazisile ngalo lonke elo xesha. | [50] |
| 1.7 | Khetha umfanekiso ube MNYE kule ingezantsi ubhale isincoko. Nika isihloko isincoko sakho. | |

1.7.1

[Icatshulwe ku-k7447636 www.fotosearch.com]

[50]

1.7.2



[Icatshulwe kwi-totallycoolpix.com/2011/04]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A:

50

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Khetha isihloko sibe SINYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omde ngaso. Ubude mabube ngamagama angama-80 ukuya kwi-100.

2.1 ILETA ESESIKWENI

Bhala iletsha kwiRejistra ekwiziko lemfundo ephakamileyo wenze isicelo sendawo yokufunda konyaka olandelayo.

[30]**2.2 I-OBHITSHUWARI**

Bhala iobhitshuwari ocelwe ukuba uyenze ngabamelwane bakho abaswelekelwe ngumakhulu wabo.

[30]**2.3 INQAKU LEPHEPHANDABA**

Bhala inqaku lephephandaba ngesikolo sakho esisoloko siphuma phambili kwiphondo lakho uchaze iimfihlelo zale mpumelelo.

[30]**2.4 INGXOXO YABABINI**

Bhala ingxoxo yababini ephakathi kwakho nomhlobo wakho ophumelele emaggabini kwizifundo zobunjineli malunga namacebiso okuphumelela kwizifundo.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B:** **30**

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo ubhale umhlathi omfutshane ngaso. Bhala amagama angama-60 ukuya kuma-80.

3.1 IKHADI LESIMEMO

Bhala ikhadi lesimemo, umeme abazali kumsitho wokuthi ndlela-ntle (*iValedictory*) kubafundi bebangla le-12.

[20]**3.2 IPOSIKHADI**

Bhalela udade wenu oseMelika iposikhadi umnqwenelele iholide emnandi kaDisemba.

[20]**3.3 IMIYALELO**

Bhala imiyalelo eza kuya kubantu abafuna ukungenela ukhuphiswano looBuhle/Nobuhle ekuhlaleni.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C:

20

AMANQAKU EWONKE:

100